URhulumente weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
Bronagh Hammond
ICandelo loNxibelelwano
Bronagh.Hammond@westerncape.gov.za | 021 467 2532

Inombolo yefayili.: 9/5/P
Isalathiso: 20220301-235

ISetyhula: 0009/2022
Umhla wokuphelelwa: Awukho

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli aBaziiNtloko, kuBalawuli, (kwaNdlunkulu), KumaSekela Balawuli (kwaNdlunkulu) nakuwo onke amagosa akwaNdlunkulu

Isishwankathelo esifutshane: *Le setyhula yenzelwe ukwazisa i-Standard Operating Procedure ze-Language Services Unit.*

Isihloko: IMigaqo yoKwenziwa koMsebenzi (*Standard Operating Procedure*) yeYunithi yeeNkonzo zeeLwimi (*Language Services Unit*)

1. ICandelo 5 (1) (a) loMgaqo-siseko weNtshona Koloni ka-1998 (uMthetho 1 ka-1998), lichaza isi-Afrikansi, isiNgesi nesiXhosa njengeelwimi ezisemthethweni ukwenzela iinjongo zikarhulumente wephondo.

2. UMthetho weeLwimi wePhondo leNtshona Koloni, 1998 (uMthetho 13 ka-1998), ufuna ukuba uphunyezwe ngokusemthethweni lo mgqaliselo kumgaqo-siseko wephondo. Lo Mthetho uqaqambisa isi-Afrikansi, isiNgesi nesiXhosa njengeelwimi ezisemthethweni zephondo ukuze zinikwe iwonga elilinganayo kulo lonke unxibelelwano olusemthethweni ngawo onke amasebe karhulumente ephondo namaziko karhulumente wephondo.

3. Ngaphezu koko, uMgaqo-nkqubo weeLwimi wePhondo leNtshona Koloni ucacisa ukuba zonke izaziso ezisemthethweni kufuneka zipapashwe ngeelwimi ezintathu ezisemthethweni zeNtshona Koloni, oko kukuthi, isi-Afrikansi, isiNgesi nesiXhosa.

4. Oko kugunyazise ukusekwa kweYunithi yeeNkonzo zeeLwimi (*Language Services Unit (LSU)*) yeSebe leMfundo leNtshona Koloni.

5. Ukulungiselela ukuba i-LSU ibe nako ukufezekisa imisebenzi yayo ngokuyimpumelelo nokulungelelanisa iinkqubo zayo ngaphandle kwamagingxi-gingxi, kuveliswe i-*Standard Operating Procedure (SOP)*.

6. Injongo yale setyhula kukwazisa i-*SOP* ye-*LSU*, eqhotyeshelwe apha ukwenzela ukuba ifumaneke lula, neya kuqala ukusebenza nge-01 Matshi 2022

7. Bayacelwa aBalawuli kwaNdlunkulu ukuba bazise onke amagosa nge-SOP ye-*LSU* eqhotyeshelweyo ukuze ayithathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-B WALTERS
INTLOKO YESEBE LEMFUNDO
UMHLA: 2022-03-01